Hai ke waya kufutshane wati kutiwabuyani. Zabuya izitunywa Kwapaka u nkosi Bishopi wati kutiwa manditi ivume into enitunywe yona umntu ongani pikisayo angaba akalazi ibali ke mfondini ka Makapela umntu oyintloko eyoti inkosi ibuze kuye izinto naxa ihamba hambayo hambokutshoke apo kulo Mkambati ukutumleyo.

15 U sukile oka Makapela wati Hai ndiya bulela, besisazi kade ukuba siku tyotywa apa kokwetu sakubekwa endleleni ati mhlekazi agelincokolayo le Makapela uti ezintombi zenu zikuti nezizetu zikuni zakutiwani impendulo hai mhlekazi londawo ilula kuba kaloi ku nani nani xele inkomo mhlanasikwaya nati sizakuxela kwayona ukuhlamba lowo mbulo. Inkosi! Singabuye sizizekena? Impendulo! Bangazizeka abatandayo kuba xaloku niya zizeka kade ezika Ntinde no Mdange kanti uNtinde ngoka Ngconde uMdange noka Tshiwo inkosi hai ke ndivile nkosi into ide ibesitukuteze xa endlini umfazi ati akwakama anqule ngo Ngconde no Togu, nosikoni, No Malangana u suke uve unyele zakutshelwa umzi wokulala izitunywa zaxelelwa igusha kwasa zigoduka. Yapela intsomi Emaxoseni.

16 Masitike wapatake uTshiwo emva koku mgxota u Gondowentshaba u Tshiwo wazala u Pallo, Gwali no Hheke, Mdange waze umzi wapatwa ngu Gwali xa incam yayingeka zalwa u Pallo. Waze u Gwali umzi waupata kakubi kwanje ngo Gando. Bati abantu masipatwe ngum Dange wati uMdange nento into engekihle ukuti beko abakuluwa bam kutiwe mandipate isizwe. Bati abantu hai u Hheke yintylubi nengxentsi kwelizwe lonke. Wati hai kanye yitshoni ku Libela lo angene apo enkosikazini kuzoku puma inkosi hai ke kwa Tshiwo kudibela umntakwende yati inkosikazi yaku mita yayakowayo saye isizwe sirhaqu kile yimpato embi ka Gwali. Kwati kani tumele noku kangela ukuba inkosikazi ingaba yabeleka mntu mnina?

17 Zabuya izitunywa zisiti yabeleka inkwenkwe wati umntu yizani nayo izokwaluswa. Hai ke beza nayo yafike yaluswa kwati isandukupuma kwatiwa mayitate indawo yayo yobukosi. Kwabuya kwa Mbeswa yatelekiswa nje ngele zolo kwaliwa uku kutshiwa kuka Gwali u Hheke wancedisa uGwali u Mdange wa ncedisa impi ka Pallo.

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

 K11/3 13

ebukulwini ngamanantsi kuba amalowa anamandla ema xoseni ityala lama lowo maliqale litetwe ngawo ukuze landule ukudlulela komkulu.

36 Masipinde kuba kambe sisahleli emasikweni ~~K~~na akubeni kesimana sibeta amasolotya. Ikoke inchukucha endiza kungena kuyo nokuba andiso kuyá gqiba ukuyi chaza, endingasuke nditatenje. Amandundu; angena umsebenzi ndiwa yeke.

Intonjane.

Umdutho.

Ingongovala

Umtshotsho

Isijadu.

ulwaluko

ukutshiliswa.

ukupuma kwabakweta.

ukusokwa or isiyalo

utwalo lwentombi

uRhatyelo

imiteto yamatiletile (Ceremonial laws)

"neyamatyala

imigidi

ukuvumisa

amagqira

amaleqe

nokudla ugendebe endala

ompondomhlope nompondomdaka

37 He njalonjlao

no Mapupa

No Tikoloshe

Nempumdulu

Nokwelimfene

Nosihamba ngenyanga

nenyoka

nembono ka Nxele (Nono Mpumza.

No Gooini no Mvundlela no Jwarha

No Ntsikana (Nonoyi 'Matshaya' Nomgcume.

Marhwexu ka Putise Njalonjalo

Nono Tyoda.

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

Apa kwaNgqika ngabantu bakulo Mbombo inkabi ka Malwu ngalo T. B. Soga Rev. Balise ngentlalo ka Xosa nabo Mr. H.B. Piliso S. Transvaal ngawo lawo nabanyeke njalo njalo.

60 He! Sizakuke sibalise ngabantu kute kumhlaba ka Ndlambe Exinirha. Waye u Ngqika ebeso ndliwa ngu Ndlambe akufa uyise uMlau wawa shiya lamakwenkwe emabini enga lanlwanga. Engengabo abantwana baba sembukazi bobahini no Ntimbo waye u Ngqika ebugeza uMtimbo ezolile etangwe nga Mapakati engakolwa ngu Ngqika/k wafika u Hintsa ezaku mina ubukosi wawa biza lamakwenkwe wabuza emapakatini nkuba nikolwa yiyi pina? ati sikolwa ngu Mtimbo, isile le ingu Ngqika yasuke inkosi enkulu ya beta ngoluti lomkhonto entloko ku Ngqika wati nantsi inkosi wakulula intsimbi yake yobuhlalu emqaleni wayinxiba ku Ngqika,wati nantsi inkosi wakulula intsimbi yake yobuhlalu emqaleni wayinxiba ku Ngqika. Wati uNtimbo kunene enkabi yake ngu Gwelane. Kuba eka Ngqika ngu Mbombo anamhla ezo nkabi zesimi ngolohlobo nango amambombo kwa Cantane.

61 Nama Gwelane akwa kona yilempi yawenza ngemfazwe ka Ngcayechibi nge 1877. Wazeke u Ngqika wakulela apako Mkulu kwa Ndlambe wade wa luka. Ekute kanti imento zokwendza nonina umka Ndlambe u Tututla kwaze kwako ukungavisisani umfana noyise kazi ati amapakati akuyibona lento amtata uNgqika akunimisa Etyume. Wati elapo wati ku Ntleki makatu mele. Kuputyunywe uTutula azokuba ngumkake, kwabanjalo wakupa into zontatu u Ntlebi. Zakufika exinirha, zafike zema ezantsi komzi ngo Coloti zabona intwana zana biza inkosi kazi paua yeza inxebe isidanga sendoda. Bati siputume wena ufunwa yinkosi UNgqika yekake. Yasiti gwilikityi esisidanga sehabe yasi songela elu kukweni ekoko ukuya kupumela Emnyameni. Baye baku galeleka

526 62 Etyumu ku Ntlebi/wasele Ndulu ka uNtlebi waku xela enkosini ukuba iko lantaka, yaseli nduluka inkosi iyakutsho kwa Ntlebi Kanti kuyalandwa ngemva kuhanjwa ngonyowo lwenkosi kazi laye laku velela iTyume bati masibuya sokuhlaba umkosi umkile no Ngqika wawanya umntu yapuma imiNgqalasi abantu bengowaba yantotelawa yafundza ku Ngqika hai wa wayichita.

Kaw! Kwakutiwane! Wati umntu makoku hlatywa umkosi kwa Gcaleka ku Hintsa Egcuwa (Butterworth) zapuma imbovane

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

Enqabara ezoku xela ku Hintsa okokuba kuko bantu babocusiyo Enqabarha benyama pofu koko indlebe bazi gqoboze kakulu behambaze bebhinqa amaxolo emiti belambile behamba besitya imifuno, behlupekile bati sakuba buza ukuba bengama nina bati singa Mamfengu. Kuba siyamfenguza.

Wati u Hintsa zimba goine abo bantu iwangabo hlanga lwetu kuba nati sevela embo. Bafika eGcuwa (Butterworth) yababuza inkosi u Hintsa ukuba ngu banina inkosi yenu Hintsa oh! Kulungile yimani kulo mhlatyana kutiwa Liqina.

75 Teko Gangala yonke into noma na nindi xelela nilapo. Ukuza kunga biko mntu ubapata kakubi ababantu bahlalake. Bakondziswa ngu Hintsa ati mntu owendze into embi kubo ohlwaywe ngukumkani. Baye bafika utywala bungaziwa ngama Xosa esitya inyama nemifuno no busi, besenza iqilika ngabo namasi wati kanti u Mamiya upeto imitombo ngesigodlo senkabi ka zizana wadidi yela bati bakuviwa ngama xosa yekake. Kwase kuba kupela kwento ekutyiwa yona nanamhla. Lafika ixesha lokuba amakobaka akululive pesheya. Kwatiwa nalama Mfengu makakululwe pantsi ko bukoboka bobudenge ba ma Gcaleka. Kona ukuze bakokelwe ngu umfundisi Ellefu ebasa Engqushwa. Bari bakufika kona

76 Engwashini. Bendza izi fungo no Rhulumente, uku ba abasoze bapamise ngalo kuye nokuba bakuba ngama tobela mbuso nokuba abantwana babo bakuba fundisa njalo njalo. Ngo 1828 wafake u Ngqika no Matiwana no Tshaka kwasala nkosi ezipeteyo e Kunene yangu Maqoma, no Tyali ixiba, bayidiliza kwa kona imfazwe naba Jembu, walamla uMlungu. Waxela pesheya u Sir Benjamen Durban i Rhulumeli ukuba inkosi zamaxosa ezingalu ngcinanga ugolo ngu Maqoma no Tyali.

Kwati kulapo abantu babo batata inkomo zama satlani ezino mtshiso enyo ngeni bazituta kuzi meza Enyili ukungena kwe Tsomo Enciba. Zafike ke zangena kumhlaba ka Hintsa. Azilanda amatyipukolo ngolohlobo zihambe ngalo. Aye akutsho Engxakaxa (Idutywa) e kampini ya Matyipukolo; ambizela apo u Hintsa ukumkani wa Mggcaleka.

77 Amntsila wade waya apo Ekapini wati akufika bambamba weva u Bhuru u kuba umkuluwa wake ukuba ubanjiwe unkosi uHintsa, wasele siya naye ehamba no Tyingtyii.

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

Masipinde ekute ngo 1846. Kwabiwa izembe ngu Tsili eve nkeleni EBofolo wabaleka nalo wati akusukelwa waku nyuka nalo kulo ntabentombi bamuchama bati ukuba baya mazi kwaku xelwa ku Maqoma wati hambani noku mbamba bambamba bamboya ne Lawu. Baba qu bele eRini.

Kwala baku fika kwezo Ntlamboza ntu ngele bahlamba abelungu bayimisa imipu a maxosa abawela impi ye Madange yakulo Tsili alinqumla isihlahla ilawu.

81 Kwatiwa achitwa amaxosa ngo 1850 ibe yimfazwe ka Mlantjeni ole makuvingcelwa iRhini imipu yabelungu iyaku zala amandzi akwalunjalo yasuke imipu yabe lungu yangu taputapu achitwa amaxosa.

Kwalile ngo 1855 kwavakala kusitiwa kuko inkundzi yenkomo ezayo ivela pesheya kele nkundzi iza seyi gula sisi fo avati yi mofu.

Sati sakufika esisifo sazigqiba inkomo za Maxosa into engens kunoedwa.

Kute kusa jongwe leyo kwatiwa ngo 1856 kuko intombazana ezimbini enye yeka Mhlakaza zilinda amazimba acwebeni leGxarha zibone abantu bateta nazo zeni xele koyihlo okokuba kuza kuvuka abantu ekukudala bafayo. Nokuba zeku mbiwe izisile izitsha. Kukutshwe ukutya.

82 He makukutshwe ukutya okudala eziseleni kumbine izitsha ku xelwe inkomo kuza ku vuka ezinye kunye nabantu. Kunga biko mntu utakatayo bula hlwe ubuti. Yaze lento yaku xelwa ku Rhili e Hohita ngasesi Dutyini wati u Rhili lento mayo ku pulapulwa ngamatshawe odwa umntu onge mtshawe angayi. Kwehla ingcobo ya Matshawe odwa ukuya Engxingxolo Ecwebemi le Gxarha. Ati akufika kulo mlanjana uli Gxarha azibona ezintombozana zinga pesheya abu za kuzo ukuba kuya selwana kulo mla mbo? Zati angesela umntu onga takatiyo. Anqwila amaba ndla ka Nomagwiya wasembo. Ati akupumela ati sinika? Wati suba sabuza kangela nampaya bantu.

83 He ukuba boni nabaya nabaya babona amaza olwa ndle zase zisiti inkosi zinyanisile ezinto mbazana. Wati uRhili ndiwisa umteto kulolonke elam makokwendziwa lento etetwa zezintombazana umntu ongaye nziyo ndakuba nento naye.

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

 K11/3 31+5=36

Aka vuma u Anta kwawela abantu bake bodwayena wafela Entsikizini. Nonyana wake u Bhobhozayo. Okoyo ngoku ngu Sohobese inkosi yaMagwelane. Eyemi Ngcangatelo ekoyo ngu Dike kwi cala elikulu. E Kunene ngu Jongintaba.

93 He u Mlesi woxala zimastaki ezihamba zise ndzeka. Kodwa ndivumele nditi asinnako ukungaba ka ukanyi ovulindlela ebunyameni belilizwe abanye ngo:-

| | |
|---|---|
| Rev. Bennie | <u>Awaseburutumenteni.</u> |
| " Chas Brownley | Sir B. Durban |
| " Thompson | " H, Smith |
| " Ross | " Shepstone |
| " Charlmas | " W. Currie |
| " Read | " G. Cathcart |
| " J. Shaw | " G. Grey |
| " van de Kemp | " Lord Somerset |
| " Kropf | " B. Frere |
| " Liefeldt | " Lord Maclean |
| " Davison | Mr. Brownlee |

nabanye aba mandipinde nditi basivulela indlela ebunyameni abana ko u kulityalwa kwi bali lama Xosa naba mhlope. Kuba sihamba ekuka nyeni nje namhlanje kungenxa yoku lahlekwa bona bubom babo. Makube njalo.

<u>Mna Menziwa Makapela Balfour.</u>

END S. 132

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017